Uxanduva lwethu ludlulela ngaphaya kokwabiwa kwezibonelelo; limalunga nokuqinisekisa ukuba onke amalinge, utyalomali, kunye nenkqubo iyasabela kwiimfuno eziphuhlayo zoluntu lwethu. Kufuneka sikhulise amazwi amagcisa ethu, someleze amaziko akhusela ilifa lenkcubeko, kwaye sisebenzise amandla oqoqosho lwecandelo loyilo ukuze siqhube ukukhula okuzinzileyo

Ukuthatha uxanduva nokungafihli nto kuhlala kungundoqo kwindlela yethu. Ngokungqinelana neCandelo lama55(1)(d) loMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, ka1999 (uMthetho 1 ka1999) kunye neCandelo lama28.2 leMimiselo kaNondyebo weSizwe, iWCCC iya kubeka iliso elibukhali ekusebenzeni kwayo, iqinisekise ukuba iimali zoluntu zizisa ixabiso lokwenene kubantu baseNtshona Koloni. IKomiti eSisigxina yePalamente yePhondo leNtshona Koloni iza kuqhubeka inika ulongamelo, ibambe iKomishoni ukuba iphendule kwizibophelelo kunye neenjongo zayo.

Njengoko sisiya phambili, siyaqonda ukuba inkcubeko ayimi ndawonye. Iyakhula, kwaye iingagungqi, kufanele kubenjalo ke nakwindlela yethu yokuyilondoloza, ukuyiphuhliseni, kwa nasekusunguleni izinto ezintsha. Umsebenzi weWCCC kufuneka uvuselele ukuzingca okuhlaziyekileyo nomanyano, umanye imihlambi eyalanayo ze uhlanganise abantu ngamava ekwabelwana ngawo. Injongo yethu kukukhuthaza uluntu apho inkcubeko ingaphelele kubhiyozelwa nje koko ivunywe njengentsika yenkqubela phambili

Ndiyayincoma iKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni ngokuzinikela kwayo ngokungapheziyo ekuphakamiseni icandelo lezobugcisa nenkcubeko. Indlela engaphambi kwethu ifuna ubunkokheli obukhaliphileyo, ukucinga ngobuchule, kunye nokuzinikela okungagungqiyo ekubandakanyekeni. Sikunye, siya kukwakha imbhonakalo yenkcubeko engabonisi nje imbali yethu kuphela koko nesiseko sekamva lethu. Ndimema amagcisa, iingcali zenkcubeko, kunye nabo bonke abemi ukuba babe yinxalenye yolu hambo njengoko sicwangcisa indlela eya phambili.



RICARDO MACKENZIE
UGunyaziwe weSigqeba seKomishini
yeNkcubeko yeNtshona Koloni

INGXELO YEGUNYA ELINOXANDUVA

Umsebenzi ophambili weKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni (WCCC) kukuqinisekisa ngophuhliso, ukukhuthazwa nokulondolozwa kobugcisa nenkcubeko eNtshona Koloni kunye nokucebisa uMphathiswa kwimiba enxulumene noko.

Iinjongo ezicwangcisiweyo ezicetywayo kunye neenjongo zeKhomishoni yezeNkcubeko zihambelana namagunya kunye nemisebenzi njengoko kuchaziwe kuMthetho weKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni namaBhunga eNkcubeko, uMthetho 14 ka1998

Abemi abahlukeneyo baseNtshona Koloni nenkcubeko yabo ebalaseleyo kunye nelifa lemveli lenkcubeko elityebileyo, lisoloko lifuna ukuba iWCCC ibe nobuchule bokuyila nokuvelisa izinto ezintsha ukuze kukhuthazwe ukubandakanywa koluntu lonke kwiphondo.

Kule minyaka mihlanu izayo, iWCCC iya kuhambelana nesigunyaziso sayo ngawo onke amandla aqhelekileyo ukuqinisekisa ukuba yonke imisebenzi ecwangcisiweyo iyazuzwa. Kwaye okubaluleke kakhulu, iWCCC iya kwakha kumsebenzi owenziwe yiKhomishoni yangaphambili kwezi ndawo zilandelayo:

Okokuqala, siza kuphonononga kwaye siphumeze izindululo zengxelo yoPhononongo lokweNzeka ebonelelwe yiKomitana yamaZiko eNkcubeko yangaphambili. Ingxelo yathunyelwa kwiSebe leZiseko zoPhuhliso ukufumana igalelo nesikhokelo sokuqinisekisa ukuphunyezwa ngempumelelo kokuphuculwa kwezibonelelo ezicetywayo. I-WCCC ijonge ngethemba ekuphuhliseni imodeli eya kuthi ibone iZibonelelo zeNkcubeko zisetyenziswa ngokupheleleyo kwaye zihlale zifikeleleka kubo bonke abantu baseNtshona Koloni.

Okwesibini, ukongamela umiliselwe lweengcebiso ezivela kwiKomitana yangaphambili yamaBhunga eNkcubeko ezibonelelweyo, emva kokutyelela amaBhunga eNkcubeko abhalisiweyo ngo2024. Olu tyelelo lubonise ukubaluleka kokugcina nokuphucula unxibelelwano nawo onke amaBhunga eNkcubeko ukuqinisekisa ukuba iinkqubo zawo zixhaswa ngokwaneleyo yiWCCC.

Iminyaka emi5 ezayo yeWCCC iza kubeka phambili iinkqubo nemisebenzi ekhuthaza iingxoxo kunye nentsebenziswano kuwo onke amacandelo oluntu. Oku kuya kuphunyezwa ngokuqinisekisa ukuba amanye amabhunga enkcubeko ayasebenza kwaye abhalisiwe kuvimba wethu weenkcukacha kwaye amaziko ethu enkcubeko ziindawo zokuphonononga ubugcisa nenkcubeko kunye nokusungula izinto ezintsha. Ugxininiso lweWCCC lungqanyaniswa ngokuthe ngqo neenjongo eziCwangcisiweyo zePhondo ezijongene nentlalo-ntle nokhuseleko kunye nokuncitshiswa kobubi ekuhlaleni ngelixa kusakhiwa ubambiswano lwenkcubeko phakathi koluntu lwaseNtshona Koloni.



PETRONEL BAARD

**Egameni leGunya eliNika iNgxelo
yeKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni**

UTYIKITYO NGOKUSEMTHETHWENI

Kuyaqinisekiswa ke ngoko ukuba esi siCwangciso soBuchule:

- Siphuhlise ngabalawuli beKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni phantsi kwesikhokelo soMphathiswa uRicardo Mackenzie.
- Ithathelwe ingqalelo yonke imigaqonkqubo efanelekileyo, imithetho kunye neminye imiyalelo ephantsi kwayo iKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni.
- Ibonakalisa ngokuchanekileyo iMpembelelo, iZiphumo kunye neMveliso eza kuzama ukuziphumeza iKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni ngesithuba sowama-2025/26 – 2029/30.




Brenda Rutgers
IGosa eliyiNtloko lezeMali



Petronel Baard
Egameni leGunya eliNika iNgxelo: WCCC



Guy Redman
IGosa eliNika iNgxelo: ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo
Ivunywe ngu:



Ricardo Mackenzie
UGunyaziwe weSigqeba seWCCC



IZIFINYEZO

AA	IGunya eliNika iNgxelo
AGSA	UMphicothi-zincwadi Jikelele waseMzantsi Afrika
BBBEE	UkuXhotyiswa okuBanzi kwabaMnyama kwezoQoqosho
CFO	IGosa eliyiNtloko lezeMali
DCAS	ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo
D: ERM	ICandelo loLawulo loMngcipheko weShishini, iSebe leNkulumbuso
DPOCS	ISebe lokuBeka iliso kumaPolisa noKhuseleko loLuntu
DSAC	ISebe lezeMidlalo lobuGcisa neNkcubeko
DOI	ISebe leZiseko zoPhuhliso
ECM	ULawulo loMxholo woShishino
EPWP	INkqubo yeMisebenzi yoLuntu eyaNdisiweyo
EQPRS	INkqubo yeNgxelo yokuSebenza ngeKota yeKhompyutha
ERM	ULawulo loMngcipheko woShishino
ERMECO	ULawulo loMngcipheko woShishino kunye neKomiti yeeNqobo zokuziphatha
FMPII	ISakhelo sokuLawulwa koLwazi lokuSebenza kweNkqub
MEC	ILungu leBhunga [lePhondo] leSigqeba
MTDP	IsiCwangciso soPhuhliso seXesha eliPhakathi
MTEF	ISakhelo seNkcitho yesiGaba esiPhakathi
MTSF	ISakhelo soBuchule sesiGaba esiPhakathi
NAC	IBhunga leSizwe lobuGcisa
NTR	IMigaqo kaNondyebo weSizwe
PAA	UMthetho woPhicotho-zincwadi lukaRhulumente
PFMA	UMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, ka1999
POPIA	UMthetho woKhuseleko loLwazi loBuqu
PTI	IMiyalelo kaNondyebo wePhondo
TID	INkcazo yeSalathisi soBugcisa
UAMP	IsiCwangciso soLawulo lweAsethi yoMsebenzisi
PSP	Izinto eziPhambili zeQhinga lePhondo
WCCC	IKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Kolon

1. ISIGUNYAZISO SOMGAQO-SISEKO

Icandelo	Uxanduva oluthe ngqo lweKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni
UMgaqosiseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996	
Icandelo 30: Ulwimi nenkcubeko	I-WCCC iququzelela amathuba okuba abantu baseNtshona Koloni basebenzise amalungelo abo olwimi nenkcubeko ngeenkqubo kunye neprojekthi ezibonakalisayo nezixhasayo.
Icandelo 31: Inkubeko, inkolo kunye noluntu lweelwimi	I-WCCC kufuneka iqinisekise ukuba iinkqubo neprojekthi zayo ziyayihlonipha iyantlukwano yenkcubeko yabemi baseNtshona Koloni.
Icandelo 41: Imithetho-siseko yorhulumente wentsebenziswano nobudlelwane phakathi koorhulumente	I-WCCC isebenzisana nawo onke amaqanaba karhulumente ekuphumezeni igunya layo.
IShedyuli yesi4: IMimandla eSebenzayo yoBuchule boWisomthetho kwiSizwe nakwiPhondo	Imiba yenkcubeko: I-WCCC isebenza ngokusondeleleneyo neSebe leSizwe lezoBugcisa neNkcubeko kunye namaqumrhu anxulumeneyo karhulumente malunga nemiba yobugcisa, inkubeko kunye nelifa lemveli ngaxeshanye
Icandelo 81	I-WCCC kufuneka yamkele kwaye iphumeze imigaqo-nkqubo ngenkuthalo ukukhuthaza nokugcina intlalo-ntle yabantu baseNtshona Koloni, kubandakanywa nemigaqo-nkqubo ejolise ekufezekiseni: - ukukhuthazwa kokuhlonitshwa kwamalungelo oluntu lwenkcubeko, inkolo nolwimi eNtshona Koloni; kwaye - ukukhuselwa nokulondolozwa kwembali yendalo, imbali yenkcubeko, ilifa lezinto zakudala kunye nezakhiwo zeNtshona Koloni ukuze kuxhamle isizukulwana sangoku nesizayo. I-WCCC iqinisekisa ukuba iDCAS ibonelela ngeemfuno zenkcubeko zoluntu lwaseNtshona Koloni njengoko kumiselwe ngumthetho.
Icandelo le195: Iinqobo ezisemgangathweni ezisisiseko kunye nemithetho-siseko elawula ulawulo loluntu	Amagosa eSebe leMicimbi yezeNkcubeko neMidlalo kufuneka abambelele kwizibonelelo zecandelo 195, elibonelela ngenkcazo yeenqobo ezisemgangathweni zedemokhrasi nemithetho-siseko elawula ulawulo lukarhulumente. ICandelo le195(1) (b) lifuna ukukhuthazwa kokusetyenziswa kwemithombo yobutyebi ngokufanelekileyo, ngoqoqosho nangempumelelo. Oku kuthetha ukuba iinkqubo ezithathiweyo kwicandelo likarhulumente kufuneka zivelise eyona nzuzo iphezulu ngelona xabiso liphantsi linokwenzeka.

UMgaqosiseko weNtshona Koloni, 1998 (uMthetho 1 ka1998)

Icandelo 70

Umthetho wePhondo kufuneka ubonelele ngokusekwa kunye nenkxaso-mali efanelekileyo, kwizibonelelo ezikhoyo zoRhulumente weNtshona Koloni, zebhunga lezenkcubeko okanye amabhunga oluntu okanye uluntu kwiphondo olwabelana ngenkcubeko efanayo nelifa lemveli lolwimi. Ukubhaliswa kunye nenkxaso kumabhunga enkcubeko:

- IKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni inikwe uxanduva lokubhalisa nokuxhasa amabhunga enkcubeko abhalisiweyo. I-DCAS yongamela iWCCC kwaye ibonelela iKomishini ngenkxaso yolawulo neyemali.

2. IZIGUNYAZISO ZOWISOMTHETHO KUNYE NEMIGAQONKQUBO

IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni yasekwa nguMthetho weKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni namaBhunga eNkcubeko, ka1998 (uMthetho 14 ka1998). I-WCCC yadweliswa njengeShedyuli yesi3, icandelo C lequmrhu likarhulumente lephondo ngomhla woku1 yeSilimela ka2001 ngokoMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, ka1999 (uMthetho 1 ka1999).

I-WCCC isebenza ngokwale mithetho nemigaqonkqubo ilandelayo:

2.1 Izigunyaziso zowisomthetho

Umthetho	Isalathiso	Uxanduva olungundoqo lweWCCC
UMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, ka1999	Umthetho 1 ka1999	I-WCCC ingenisa iingxelo zekota nezonyaka malunga nonikezelo lwentsebenzo kunye neengxelo zemali eziphicothiweyo ezisekelwe kwinjongo yesicwangcisoqhingha ekujoliswe kuko kunyakamali ngamnye.
UMthetho weKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni namaBhunga eNkcubeko, ka-1998	UMthetho 14 ka1998	Iinjongo zeKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni kukugcina, ukukhuthaza nokuphuhlisa inkcubeko eNtshona Koloni, ngokomgaqo-nkqubo omiselwe nguMEC (ilungu leKomiti yesiGqeba [yephondo]). Isigunyaziso seWCCC kukecebisa uMphathiswa wePhondo malunga nokugcinwa, ukukhuthazwa nophuhliso lobugcisa nenkcubeko eNtshona Koloni.
UMthetho wobuNkokheli beMveli namaKhoi-San, wowama2019	Umthetho 3 Ka2019	Iinjongo eziphambili zalo Mthetho zezi: • Ukwenza amalungiselelo okwamkelwa kobunkokheli bamaKhoi-San; • Ukuhlenganisa uMthetho weNdlu yeSizwe yeeNkokheli zeMveli, ka2009, kunye noMthetho weNkqubosikhokelo yobuNkokheli beMveli, ka2003; • Ukujongana nezithintelo ezithile kumthetho okhoyo; • Ukwenza izilungiso ezineziphumo zeminye imithetho

Umthetho	Isalathiso	Uxanduva olungundoqo lweWCCC
UMthetho wokuPhakanyiswa koBulungisa kuLawulo, ka2000	Umthetho 3 Ka2000	Lo mthetho: • ubeka imithetho nezikhokelo ekufuneka abalawuli bazilandele xa besenza izigqibo • ufuna ukuba abalawuli babazise abantu ngelungelo labo lokuphonononga okanye lokubhena kunye nelungelo labo lokucela izizathu • ufuna ukuba abalawuli banike izizathu ngezigqibo zabo; kunye nokunika uluntu ilungelo lokuphikisa izigqibo zabalawuli enkundleni.
UMthetho wokuPhakanyiswa koFikelelo kuLwazi, ka2000	Umthetho 2 Ka 2000	Lo Mthetho uphumeza ilungelo lokufikelela kwiirekhodi ezigcinwe ngurhulumente, amaziko karhulumente kunye namaqumrhu abucala. Phakathi kwezinye izinto iQumrhu kufuneka: • Liqulunqe incwadi ecacisa kuluntu ngendlela yokufakwa kwesicelo sokufikelela kulwazi olugcinwe liqumrhu; Lichonge igosa lolwazi ukuba liqwalasele izicelo zolwazi olugcinwe liziko
Ukukhuselwa koLwazi loBuqu	Umthetho 4 ka2013	Injongo yalo Mthetho kuku • liphumeze ilungelo lomgaqo-siseko lokuba neemfihlo, ngokukhusela iinkcukacha zobuqu xa zisetyenzwa liqela elinoxanduva, ngokulawulwa yimida ethethelelekayo ejolise— (i) ukulungelelanisa ilungelo lokuba neemfihlo kwamanye amalungelo, ingakumbi ilungelo lokufikelela kulwazi; kunye (ii) nokukhusela iimfuno ezibalulekileyo, kubandakanywa ukuhamba ngokukhululekileyo kolwazi ngaphakathi kwiRiphabliki nakwimida yamazwe ngamazwe; lawula indlela ulwazi lomntu olunokuthi lusetyenzwe ngayo, ngokumisela iimeko, ngokuhambelana nemigangatho yamazwe ngamazwe, echaza ubuncinane beemfuno zokusetyenzwa ngokusemthethweni kolwazi lomntu; • ukubonelela abantu ngamalungelo kunye nezilungiso zokukhusela ulwazi lwabo lobuqu ekusetyenzweni ngalo olungahambelaniyo nalo Mthetho; kunye nokuseka amanyathelo okuzithandela nanyanzelekileyo, kubandakanywa ukusekwa koMlawuli woLwazi, ukuqinisekisa intlonipho nokukhuthaza, ukunyanzelisa nokuzalisekisa amalungelo akhuselweyo ngulo Mthetho.
UMthetho weArhente yoLwazi lobuGcisa	Umthetho 88 ka1998	I-SITA iseka iArhente yeState Information Technology. I-Arhente inoxanduva lokubonelela ngeenkonzo zeTekhnoloji yolwazi kulawulo lwenkonzo karhulumente. I-WCCC, ngokusebenzisa isebe, kufuneka ithenge zonke iimpahla kunye neenkonzo zethekhinoloji yolwazi ukusuka okanye nge-arhente

2.2 Izigunyaziso zomgaqonkqubo


Umgao-nkqubo	Inkcazo
Indlela yokuziphatha yaMalungu eWCCC	Eyona njongo iphambili yoMgaqo kukukhuthaza ukuziphatha okungumzekelo phakathi kwamalungu ukuze kunikwe intembeko kwiziko leWCCC.
Ukubhaliswa kunye nokucinywa kokubhaliswa koMgaqonkqubo wamaBhunga eNkcubeko	Lo mgaqonkqubo ubonelela ngokubhaliswa kwamabhunga enkcubeko ukumela abantu ababelana ngenkcubeko efanayo okanye ilifa lemveli lolwimi. Inika isiphumo kumthethosiseko wokuhlonipha, ukukhulisa, ukugcina nokukhusela iyantlukwano yenkcubeko eNtshona Koloni nakuMzantsi Afrika uphela. Umgaoonkqubo wenza ukuba iWCCC iwacime kubhaliso amabhunga enkcubeko xa kukho imihlaba emihle yokwenza oko.
UMgaqonkqubo wokuSetyenziswa kweZibonelelo zeNkcubeko	Ukubonelela ngenkqubosikhokelo yeGosa eliNika iNgxelo leWCCC ukulawula ingeniso ngoqoqosho nangempumelelo nokukhuthaza ukusetyenziswa ngokupheleleyo kweeasethi eziphantsi kolawulo lweKomishoni.
Abathunywa beWCCC	Ugunyaziso lwamagunya olukhutshwe liGosa eliNika iNgxelo ngokwecandelo 44(1) nelama44(2) loMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, ka1999.
Isakhelo sezinto eziphathekayo	IGosa eliNika iNgxelo kufuneka liphuhlise kwaye livumelane nesicwangciso-nkqubo samanqanaba amkekileyo ezinto eziphathekayo kunye nokubaluleka kunye noGunyaziwe weSigqeba ngokubonisana nabaphicothizincwadi bangaphandle
Isicwangciso soThintelo lobuqhophololo	Umgaoonkqubo ubonelela ngeendlela zokusabela ukunika ingxelo yophando nokusombulula izehlo zobuqhophololo obunefuthe kwiWCCC
Ulawulo lwabaTyalayo	IGosa eliNika iNgxelo kufuneka lilawule abantu abanamatyala ngokusetyenziswa kwezibonelelo zenkcubeko
Umvuzo waMalungu	Ukuququzelela intlawulo kumalungu eWCCC atyunjelwe ukuya kwiinkomfa, iiprojekthi, iintlanganiso kunye neendibano zocweyo egameni leKhomishoni

UMXHOLO WOMGAQONKQUBO WEZWE

Iinjongo zoPhuhliso oluZinzileyo (SDG's), njengexalenye yeAgenda ye2030 yoPhuhliso oluZinzileyo, igxininisa ukubaluleka kwendlela edibeneyo xa ijongene neemeko zoqoqosho, imozulu kunye nentlalontle kwaye iya kuqwalaselwa ngexesha lokucwangcisa noku-phunyezwa. I-WCCC iyazi kakuhle iMTSF, iMTDP kunye neNDP ebonelela ngomkhombandlela wokulungelelanisa imigaqonkqubo neeprojekthi nombono obanzi wexesha elide kwaye inike ingcaciso kwaye ikhokele imisebenzi kwaye imisele indlela ehambelanayo nepheleleyo yokuphelisa intlupheko nokunciphisa ukungalingani ngowama2030.

Imisebenzi yeWCCC iya kuthi kwisithuba seminyaka emihlanu ikhokelwe yiSDG's, NDP kwaye ihambelane nezinto eziphambili ngobuchule njengoko zichaziwe kwi-MTDP. Njengoko ugqaliselo lwamaphondo ikukudibanisa imimandla yokudala imisebenzi, ukhuseleko kunye nokuphila kakuhle, iWCCC iya kulungelelanisa imisebenzi yayo ukuze ifake isandla ekufezekiseni ezi zinto zibalulekileyo. I-WCCC iya kwandisa imisebenzi yayo kwaye igxile ekuphenduleni ukusebenza kwezi njongo zifanayo ngokunikezelwa kweenkonzo kubemmi.

I-MTDP ineziphumo ezithathu eziphambili kwaye ihambelana neNDP ngolu hlobo lulandelayo:



UMFANEKISO WESICWANGCISO SOPHUHLISO LWEXESHA ELIPHAKATHI (MTDP) 2024-2029

IsiCwangciso soPhuhliso lweXesha eliPhakathi (MTDP) sika2024-2029 sisebenza nje- ngesicwangciso seminyaka emihlanu soLawulo lwesi7 loMzantsi Afrika phantsi koRhulumente woManyano lweSizwe (i-GNU), olwenziwe emva konyulo jikelele luka29 kuCanzibe ka2024 lsebenza njengesakhelo sokuphunyezwa kwe- Sicwangciso soPhuhliso seSizwe (NDP): Um- bono wama2030, uhambelana neenjongo zayo ngelixa ugxininisa kwiziphumo zophuhliso kunye nokukhula koqoqosho. I-MTDP ithatha indawo yeNkqubosikhokelo seQhinga esiPhakathi (MTSF) kwaye yenzelwe ukugxila kungenelelo oluncinci, lwempembelelo oluphezulu ukuqhuba iziphumo ezilinganayo. Yamkelwa kwiCabinet Lekgotla nge29 kweyoMqungu ukuya kwama2025 kwaye yakhiwe malunga nezi zinto zilandelayo eziphambili zeqhinga eliphambili:

1. Iukukhula okubandakanyayo kunye nokudalwa kwemisebenzi (okujoliswe kuko okuPhambili) - Ungenelelo longenelelo loqoqosho lokuqhuba kuwo onke amaqanaba karhulumente.
2. "Ukunciphisa ubuhlwempu nokulwa neendleko zokuphila eziphezulu - ukuqinisekisa ukhuselo lwentlalo kunye nokubandakanywa kwezooqo- qosho".
3. Ukwakha urhulumente okwaziyo, onemilingan- iselo yokuziphatha nophuhliso - ukuphucula ulawulo, umthetho nocwangco, nokwenza ukuba iziseko

I-WCG ilungelelanisa izicwangciso zayo kunye nezinto eziphambili zeMTDP ngelixa igcina imimiselo yayo yephondo ngokusebenzisa isiCwangcisoqhinga sePhondo (PSP) kunye nesiCwangcisoqhinga sePhondo sokuPhumeza (PSIP) ngolu hlobo lulandelayo:

- Ukukhula kogoqosho nokudala amathuba emisebenzi: I-WCG iya kuba negalelo ngokusebenzisa imigaqonkqubo yezoqo-qosho yephondo, ukutsala utyalomali, uphuhliso lwezakhono, kunye neeprojekthi zeziseko ezingundoqo ezixhasa ugxininiso lukazwelonke ekukhuleni okubandakanya wonke umntu.
- Ukunciphisa UbuHlwempu nokuNgenelela kwezeNtlalo: linkqubo zophuhliso lweze-ntlalo zeWCG, amanyathelo ezempilo, kunye nohlengahlengiso lwemfundo ziya kuhambelana nogxininiso lukazwelonke ekunciphiseni iindleko zokuphila.
- Ukwakha urhulumente okwaziyo ukwenza izinto: Ubuchule borhulumento beWCG, ukuhanjiswa kweenkonzo ngendlela efanelekileyo, kunye neenkqubo zokulawula ziya kuxhasa injongo yesizwe yokomeleza amandla eziko kunye nobunkokheli bokuziphatha.

Igalelo leWCCC kwimpumelelo yeZinto eziPhambili zeSizwe zibonakaliswe ngezantsi:

MTDP ePhambili	Igalelo leWCCC
Okuphambili 1: Uhluvo oluqakayo nokudalwa kwemisebenzi	I-WCCC ngokwegunya layo iya kuxhasa amalinge akhuthaza ukubandakanywa koluntu kunye nokuphila kakuhle. Amaziko eNkcubeko abonelela ngendawo ekhuselekileyo apho ulutsha lunokuthi luthathe inxaxheba kwizinto ezenziwa kwindawo engeyongozi. Amaziko eNkcubeko abonelela ngethuba kubaxhamli beEPWP ukuba baqeshwe okwexeshana kwaye babe negalelo kumvuzo wekhaya, ngelixa kwangaxeshanye befumana izakhono ezinokunceda ekufumaneni umsebenzi osisigxina. linkqubo ezixhaswa yiWCCC zijolise ekukhuthazeni nasekulondolozeni izenzo zenkcubeko nokuzama ukudala ukuthakazelelwa, nokuhlonitshwa kweenkcubeko ezahlukeneyo zaseNtshona Koloni. Iingcali zobugcisa nezenkcubeko ngeenkqubo zazo zinethemba lokomeleza nokuphuhlisa uluntu apho behlala khona nababukeli, basebenze, kwaye badlale ngokukhuthaza ukuqonda nokuxabisa iyantlukwano phakathi koluntu.
Okuphambili 2: Ukunciphisa intlupheko kwaye ujongane neendleko eziphezulu zokuphila	Inkxaso-mali kumaBhunga eNkcubeko ixhasa amaphulo oluntu kwaye inegalelo kumathuba okuba wonke umntu abe namava obugcisa nenkcubeko kungakhathaliseki ukuba ahlala phi na, kunye nezozoqosho nezentlalo. Ugxininiso lweenkqubo kukuxhasa nokunceda amagcisa asekuhlaleni anetalente aphishekele umsebenzi wobugcisa ngokwenza njalo asebenzise italente yawo ukuncedisa ekungeniseni umvuzo nasekunciphiseni intlupheko. Amaziko enkcubeko asetyenziswa ziiNGO, imibutho yasekuhlaleni, kunye namasebe karhulumente, kwimisebenzi yobugcisa nenkcubeko ukukhuthaza ukubandakanywa koluntu kunye nokuba sempilweni nokuvezwa kolutsha kwindawo enika enye indlela enempilo kwimilo yoluntu egquba uluntu.

MTDP ePhambili	Igalelo leWCCC
Okuphambili 3: Ilizwe elikwaziyo ukusebenza, elisesikweni neliphuhlayo	Inkcubeko sisixhobo sokudluliselwa kolwazi, kunye nemilinganiselo yokuziphatha nentlalontle. Ukukhuthazwa kobuGcisa kunye nenkcubeko kunye nokugcinwa kwazisa uzinzo lwenkcubeko yoluntu olunegalelo ekuhlalweni kwabantu okuzinzileyo I-WCCC ikhuthaza ukuqondana, ukunyamezelana kunye nonxibelelwano lwentlalo ngonxibelelwano namaBhunga eNkcubeko kunye neenkqubo zoBugcisa neNkcubeko ezixhaswayo. Benza banzi iibono zabathathinxaxheba kwaye babancede ukuba baxabise iyantlukwano. La mathuba kwabasemngciphekweni nabahlelelekileyo abonelela ngamaqonga onxibelelwano lwentlalo kunye neengxoxo, ngelixa esomeleza ukubandakanywa koluntu kunye nentsebenziswano phakathi koluntu. I-WCCC iza kunika impembelelo kuMfanekiso woThungelwano oluLawulwayo oluya kuqinisekisa ukuba iinjongo zayo ezicwangcisiweyo kunye neenkonzo ziyaqhubeka ukufezekiswa kwaye zinikezelwa ngokusebenzisana nabachaphazelekayo abaphambili abahlukeneyo. Lo mzekelo wonga iindleko, ngelixa ukwandisa imibutho yasekuhlaleni ithuba lokuba negalelo ekuphakanyisweni koluntu lwalo.

IiNjongo zoPhuhliso oluZinzileyo zeZizwe eziManyeneyo (iiSDG) ziinjongo ezili17 zehlabathi ezingabopheleliyo ezihambelana neNDP kunye nesiCwangcisoqhingha sePhondo. Ezi SDG, njengenxalenye yeAgenda ye2030 yoPhuhliso oluZinzileyo, igxininisa ukubaluleka kwendlela edibeneyo xa ijongene neemeko zoqoqosho, ezendalo kunye nezentlalo kwaye ezi ziya kuqwalaselwa ngexesha lokucwangciswa kweprojekthi kunye nokuphunyezwa. Umsebenzi weWCCC unokunxulunyaniswa nezi njongo zilandelayo ze-NDP kunye nee-SDG:

SDGs	1 NO POVERTY	2 ZERO HUNGER	3 GOOD HEALTH AND WELL-BEING	4 QUALITY EDUCATION	11 SUSTAINABLE CITIES AND COMMUNITIES	16 PEACE, JUSTICE AND STRONG INSTITUTIONS
NDP	8. Transforming human settlements 49. Provide incentives for citizen activity for local planning and development of spatial compacts.	9. Improving education, training and innovation 53. Strengthen coordination between departments, as well as the private and non-profit sectors.	10. Health care for all By 2030 the primary and district health system should provide universal access, with a focus on prevention, education, disease management and treatment	12. Building safer communities 85. Increase community participation in crime prevention and safety initiatives	15. Nation building and social cohesion 115. Improving public services and spaces as well as building integrated housing and sport facilities... to ensure sharing of common spaces across race and class. 118. Promote citizen participation in forums	

I-Ajenda yeAfrika ka2063

I-Ajenda yeManyano ye-Afrika: yowama-2063 ibeka phambili ekubandakanyeni uphuhliso lwentlalo noqoqosho, indibaniselwano yelizwekazi nengingqi, ulawulo lwedemokhrasi kunye noxolo nokhuseleko phakathi kweminye imiba ejolise ekubekeni iAfrika ngokutsha ekubeni ibe ngumdlali obalaseleyo kwibala lehlabathi. I-WCCC iyazixhasa iinjongo kunye nezinto eziphambili ngokubaluleka ezichazwe kwiAjenda 2063, ingakumbi ngomsebenzi wayo oxhasa ubugcisa, inkcubeko kunye nelifa lemveli. IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni (WCCC) ihambelana neAjenda yeAfrika yowama2063 ngokugcina ilifa lemveli, ikhuthaza intatho-nxaxheba kwezenkcubeko, nokomeleza ubuni benkcubeko kulo mmandla. Ngokuqinisekisa ukuba iindawo zenkcubeko ziyafikeleleka, iWCCC ikhuthaza ubambiswano loluntu kunye nobandakanyo, inegalelo kumbono weAfrika womanyano kunye nokwabelana ngempumelelo. Ngendima yayo kwisikhokelo somgaqo-nkqubo kunye nenkxaso yamaBhunga eNkcubeko, iWCCC iququzelela iinkqubo zophuhliso lwenkcubeko eziphakamisa nezigcina izenzo zenkcubeko ezahlukeneyo eluntwini. Ukongeza, iKomishoni

iququzelela amaBhunga eNkcubeko abhalisiweyo ukukhuthaza ukubonakaliswa kwenkcubeko kunye nokwabelana ngolwazi.


Ngaphaya koko, iKomiti yeZibonelelo yongamela uphononongo lwamaxabiso onyaka kunye nololongo lwezibonelelo ukuqinisekisa ukuba iindawo zenkcubeko zihlala zizinzileyo, zifikeleleka, kwaye zilungele ekubandakanyeka kobugcisa nenkcubeko. Ezi nzame zibonisa ukuzibophelela kweWCCC kumbono wexesha elide weAfrika wokugcinwa kwenkcubeko, inguqu kwezentlalo, kunye nokomelela.

UMXHOLO WOMGAQO-NKQUBO WEPHONDO

IsiCwangciso soBuchule sePhondo 2025-30

IsiCwangciso soBuchule sePhondo (PSP) 2025-2030 simisela imiba ephambili yesicwangciso-qhinga soRhulumente weNtshona Koloni (WCG) kunye neenjongo zeminyaka emihlanu ezayo. Inika umkhombandlela ogqwesileyo wentshukumo karhulumente, igxile kwiziphumo ezigxile ebantwini eziqhuba utshintsho olunentsingiselo kubahlali

Isishwankathelo sesiCwangciso soBuchule sePhondo 2025-2030



IiPotfoliyo zePhondo

Ukuphunyezwa kwePSP kuqhutywa ziiPotfoliyo zePhondo ezine. Iipotfoliyo ngamaqela amaSebe abonelela ngomkhomba-ndlela weqhinga nokulungelelanisa iinzame zokuphumeza iinkqubo ezihambelana nezinto eziphambili ngokubaluleka kuRhulumente weNtshona Koloni. Ezi zinto ziphambili zichaphazela uqoqosho, ukhuseleko, intlalo kunye nomgaqo-nkqubo weziko.

Iipotfoliyo zibeka iliso kwaye ziqhubele phambili iiprojekthi neenkqubo ezibekwe phambili ngokubaluleka, ziqinisekisa indlela ebambeneyo nelungelelanisiweyo yokufikelela kwiziphumo ekwabelwana ngazo. ISebe ngalinye linegalelo kwipotfoliyo enye okanye ngaphezulu ngokuphumeza ungenelelo ekujoliswe kulo ukuxhasa impembelelo ecetywayo yaloo potfoliyo.

Iipotifoliyo zobuchule ezine zezi:

	Ukukhula kweMisebenzi	INTshona Koloni iphumeza ukukhula koqoqosho oludala ukuzithemba, ithemba, namathuba okuphumelela..
	Abafundileyo, abasempilweni, kunye noluntu olukhathalayo	Wonke umntu unethuba lokuphila ubomi obunempilo, obunentsingiselo kunye nesidima kuluntu olubandakanyayo.
	Ukhuseleko	INTshona Koloni luluntu oluzinzileyo nolukhuselekileyo
	Ukusungula izinto ezintsha, iNkcubeko kunye noLawulo	URhulumente weNtshona Koloni (WCG) liziko eligxile ebantwini elithi ngokuyila, ngokufanelekileyo nangentsebenziswano lihlanganise izixhobo zokunikezelwa kwenkonzo.

IiNdawo zeMpembelelo eziDityanisiweyo

Ukwandisa ukusebenza kwamanyathelo ongenelelo karhulumente, iPSP ilandela indlela yobomi kunye neenkqubo. Oku kuthetha ukuba imigaqonkqubo neenkqubo zithathela ingqalelo iimfuno noxanduva lwabahlali ukususela ebuntwaneni ukuya ebudaleni, ukuqinisekisa ukuba iinkonzo zikarhulumente zilungelelaniswe ngokufanelekileyo.



I-PSP ikhuthaza indlela ehlanganisiweyo apho amaSebe kunye namaqumrhu asebenza kunye ngokubhekiselele kwiMpembelelo eDityanisiweyo echazwe kwindawo nganye kwezine zekhosi yobomi.

Le mimandla yempembelelo edibeneyo zezi:

IzINDlu noPhuhliso loLuntu	Ukudala iindawo ezikhuselekileyo, ezinempilo ezikhuthaza uphuhliso lwexesha elide nokwanela
Uluntu oluhlangeneyo	Ukuqinisa amaqhina oluntu okwakha uluntu olukhuselekileyo, olukhathalayo, noluzinzileyo.
Iarhente yoLutsha nokuLungela	Ukuxhobisa abantu abatsha ngezakhono namathuba okuthatha inxaxheba eluntwini, lufikelele kumathuba ezoqoqosho kwaye luqhubeke nokufunda
AmaThuba ezoQoqosho noHlumo	Ukwandisa amathuba ezoqoqosho kunye nokuhlwayela ukuzethemba, ithemba nendyebo.

Ukongeza, imimandla emibini enqamlezileyo ijongana nemiba ebanzi yolwakhiwo kunye nokusingqongileyo ebumba unikezelo lwenkonzo kwaye ivumela abantu kulo lonke ixesha lobomi:

IUkuzinza koMthombo	Ukudala iindawo ezikhuselekileyo, ezinempilo ezikhuthaza uphuhliso lwexesha elide nokwanela
Ukuguqulwa kweNdawo, iZiseko, nezoHambo	Ukuqinisa amaqhina oluntu okwakha uluntu olukhuselekileyo, olukhathalayo, noluzinzileyo.

I-PSP ichaza iinkalo eziphambili ekugxilwe kuzo ezihambelana neePotfoliyo zayo kunye neMimandla yeMpembelelo eDityanisiweyo. Isebe ngalinye lilungelelanisa isiCwangciso-qhinga salo kunye nezi nkalo ekugxilwe kuzo ukuze kuqinisekiswa indlela elungelelanisiweyo yokuphumeza imiba ephambili yephondo.

Iinkalo eziphambili ekugxilwe kuzo kwiWCCC ziquka:

Ulungelelwaniso lweSebe kunye neeNdawo ekuJoliswe kuzo zePSP

I-PSP ichaza iinkalo eziphambili ekugxilwe kuzo ezihambelana neePotfoliyo zayo kunye neMimandla yeMpembelelo eDityanisiweyo. Isebe ngalinye lilungelelanisa isiCwangciso-qhinga salo kunye nezi nkalo ekugxilwe kuzo ukuze kuqinisekiswa indlela elungelelanisiweyo yokuphumeza imiba ephambili yephondo.

Iinkalo eziphambili ekugxilwe kuzo kwi-WCCC ziquka:



Ukwandiswa kokuZimelela koLutsha, ukuThatha iNxaxheba kwezoLuntu, kwiMfundo nakwezoQoqosho

Ukwandisa iMpilontle kunye ne-Arhente yabantu abadala kunye nabantu abadala

Ngokusetyenziswa kwezi nkalo kugxilwe kuzo zingentla, iWCCC njengequmrhu leDCAS iya

kuba negalelo kwimpembelelo ehlangeneyo kuMakhaya noPhuhliso loLuntu, ukuBambisana kuluntu nakwiArhente yoLutsha nokuLungela.

I-WCCC iza kugxila ekudityanisweni kwale mimandla ilandelayo, uPhuhliso loLuntu, iNtlalontle kunye neMfundo ePhilile kunye noLuntu oluKhathalelayo, uKwakha uLuntu oluZimeleyo kunye nentsebenziswano neearhente zolutsha ukukhuthaza amathuba okukhula koqoqosho ngokuxhamla uthungelwano kunye nobudlelwane phakathi kwa-

bachaphazelekayo. I-WCCC igunyazise uphando olunokwenzeka kwaye le minyaka mihlanu izayo iya kubaluleka ekuphumezeni ezinye zezindululo ezicetywayo ukunika amandla kwizinto eziphambili kwiMTDP. Ukomeleza ifuthe layo, iWCCC iza kwandisa uthungelwano lwayo, kwaye isebenze ngokusondeleyo nezinye iiarhente zikarhulumente kunye nabathabathi-nxaxheba ukuphumeza iingcebiso eziphuma kuphononongo lokufaneleka.

3. Imigaqonkqubo yeZiko kunye neQhinga kwisithuba socwangciso seminyaka emihlanu

I-WCCC liqumrhu elimiselwe ngokomthetho kwaye icebisa uMphathiswa kwimiba ephathelele kubugcisa nenkcubeko.

I-WCCC njengenxalenye yogunyaziso lwayo iya kuba yintsha kwaye ixhase amaphulo aya kuthi abethelele isimilo esikhuthazayo ngeli lixa kusakhiwa uluntu olukwaziyo ukuzimela nolukhuselekileyo. Izindululo ezivela kuphononongo lokwenyani olugunyazisiweyo, ziya kukhokela amaphulo aphunyeziweyo kwisithuba seminyaka emihlanu. I-WCCC iza kugxila ekuboneleleni ngofikelelo kumaziko ayo kulo lonke uluntu nokuqinisekisa ukufikelela

kwimibutho nemibutho ebonisa imisebenzi ejolise kulutsha olusemngciphekweni, abasetyhini, imisebenzi yokubuyisela kwisimo sangaphambili kunye nabantu abakhubazekileyo. I-WCCC iya kwandisa ukusetyenziswa kwamaziko ukuze iquke ubhukisho lwabucala nolwezorhwebo ngaloo ndlela idale imithombo emitsha yengeniso ukuqinisekisa uzinzo lwamaziko. Umgaqonkqubo wokusetyenziswa kwezixhobo kufuneka uqwalaselwe kwakhona kuqwalaselwe iingcebiso ezivela kwingxelo yophononongo lokwenyani. Ukusebenza ngokubambisana kuya kuxhaswa, kwaye iteknoloji iya kwamkelwa.

4. Izigwebo zeNkundla ezifanelekileyo

(Akukho nto)

5. Umbono

Ukwenza igalelo ngokufanelekileyo kuhlumo nakuphuhliso lwemekobume yenkcubeko eguqukayo ukuya kwiNtshona Koloni emanyeneyo.

6. Umsebenzi

Ukugcina, ukukhuthaza nokuphuhlisa inkcubeko eNtshona Koloni ngoku:

- rukubhalisa nokucinywa kobhaliso lwamabhunga enkcubeko;
- ukubonelela ngoncedo lwemali kumabhunga enkcubeko abhalisiweyo;
- ulawulo, ulawulo, uphuhliso nogcino lwe-propathi eshukumayo nengenakususwa

ebekwe phantsi kweliso loMphathiswa wePhondo;

- ukwenziwa kweminye imisebenzi enikwe nguMphathiswa wePhondo; kwaye
- ngokucebisa uMphathiswa wePhondo ngomgaqo-nkqubo.

7. Imigqaliselo



Caring



Competence



Accountability



Integrity



Innovation



Responsiveness

Umbono weWCCC, umsebenzi kunye nemigqaliselo inegalelo kwintlalontle yamaqela aphambili olutsha, abasetyhini, kunye nabantu abanokukhubazeka ngenxa yengqwalasela yayo kubandakanyo lwentlalo kwaye kuquka "wonke umntu" okwinkonzo yayo kunye nakwicandelo.

8. Uhlalutyo oluHlaziweyo lweMeko

8.1. Uhlalutyo Lwemo esiNgqongileyo yaNgaphandle

EZOPOLITIKO

I-WCCC iza kuphehlelela amaphulo awohlukeneyo exesha elitsha, igxile kwiinkalo zohlanganiso kunye nentsebenziswano ejolise ekukhuthazeni ukudalwa kwemisebenzi, ukhuseleko, kunye nefuthe lentlalo-ntle kuwo wonke umjikelo wobomi. Imeko yezopolitiko eMzantsi Afrika iye yahlabela mgama ngokutshintshela kuRhulumente woManyano lweSizwe. La manyathelo aza kuphunyezwa ngokuhambelana nesicwangciso sobuchule sephondo kwaye aza kugxila kwiinkalo zohlanganiso kumzamo walo wokwakha uluntu olukhuselekileyo,

olumanyeneyo noluzinzileyo nokuqhubela phambili amathuba oqoqosho nohlumo kugxilwe ngokukodwa kulutsha.

Ukunganeliseki zinkonzo zikarhulumente kusoloko kukhokelela kuqhankqalazo oluno-kuchaphazela iinkonzo kumaziko. Unyulo loomasipala luka2026 lunganefuthe ekuphumezeni iinkqubo, ulondolozo kunye nohlaziyo ngenxa yeenguqu ezingenzeka kucando lukaMasipala, ukuhlanguka kunye nokutshintshwa kwamagama kubanye boomasipala.

UQOQOSHO

Umfanekiso wezoqoqosho loMzantsi Afrika lujongene nemingcipheko yehlabathi neyalapha equka imingcipheko yobume bezopolitiko, uguquguquko lwemozulu kunye nezehlo zemozulu ezimandundu, ingxaki yombane kunye nokubuya konkinkisho lombane, nengxaki yamanzi efuna utyalomali oluvakalayo lokuhlaziya kwezisekelo (Umfanekiso woQoqosho wePhondo kunye neMbonakalo, 2024).

Uqoqosho lwephondo lubonakalise ukomelela nangona kukho ungquzulwano oluqhubekayo kwi-hlabathi. Nangona kunjalo, isantya esikhawulezayo sokufudukela ezidolophini kuye kwacinezela izixhobo kunye neziseko zophuhliso, nto leyo eyandisa imingeni ekhoyo. Ukunyuka kwamaxabiso ezinto eziphakamileyo kwi-hlabathi jikelele kuye kwayidibanisa ngakumbi le miba, nto leyo eyakhokelela ekwenyukeni okukhulu kweendleko zokuphila. Ukunyuka kweendleko zothutho, umbane kunye namaxabiso okutya kuye kwabeka umthwalo owongezelelekileyo kumakhaya. Ngelishwa, amaqanaba engeniso akakhange ahambelane nezi ndleko zinyukayo, nto leyo ebeka uxinzelelo olukhulu kumakhaya. I-WCCC iya kuqwalasela isimo soqoqosho xa isenza izindululo kuhlengahlengiso lomrhumo kunye nokusetyenziswa kwamaziko.

EZENTLALO

Izinga lentswelangqesho kulutsha eMzantsi Afrika lifikelele kwi60.8% eyothusayo kwikota yesibini ka2024, apho iNtshona Koloni irekhode umyinge wama45.5% wentswela-ngqesho kwangeli xesha linye. Le ngxaki iqhutywa kukukhula okuphantsi koqoqosho, ukungahambelani kwezakhono, ukunqongophala kwamava omsebenzi, kunye nokungalingani kwendawo. I-WCCC iya kugcina amaziko ukuze kudaleke iindawo ezikhuselekileyo ezinokuthi zisetyenziswe ukukhuthaza intlalontle kunye nokukhuthaza ukuziva ukuba ngumntu omnye. Amaziko aza kuphuhliswa ngakumbi ukuze abonelele abantu abatsha ngeendawo ezikhuselekileyo apho banokuthi bazibandakanye ngokukhuthaleyo kwimisebenzi enegalelo ekufundeni nakukhuseleko lwabo.

NGEZOBUGCISA

Ekuhambeni kwexesha, i-WCCC iya kwandisa amaqonga ethekhinoloji ukunyusa izakhono. Ukusebenzisa la maqonga, iWCCC ijolise ekwandiseni ukufikelela kunye nobubanzi, kuxhamle amaziko namabhunga enkubeko. Ukongeza, iWCCC iya kudibanisa kwaye ihlolutye idatha ukuxhasa ukwenziwa kwezigqibo ezinolwazi. Kucingelwa ukuba onke amaziko enkubeko aya kuba neWIFI kweli xesha lonyaka ukuqinisekisa ukufikelela okuphuculweyo kulwazi nokuphuculwa konikezelo lwenkonzo.

OKUSINGQONGILEYO

I-WCCC iza kucwangcisa kwangaphambili inolwazi olunzulu ngeemeko zemozulu, igxile kwimithombo yamandla ahlaziyekayo namalinge okuhlaziya. Ngokutyikitywa koMthetho woTshintsho lweMozulu wowama2024 ube ngumthetho, uMzantsi Afrika ubeke isikhokelo esicacileyo sozinziso. Lo mthetho uya kukhokela kwaye wazise iWCCC ekuphumezeni izicwangcisoqhinga ezihambelana nomthetho, ukuqinisekisa inkxaso kuqoqosho lokusingqongileyo.

UMTHETHO

Imo engqongileyo ibangele ukuba kujongwe kwakhona indima nemisebenzi yeWCCC ekuphenduleni imeko yowisomthetho eguqukayo. Intsebenziswano namaBhunga eNkcubeko iya kwanda ukuqinisekisa ukuba amabhunga amele uluntu olwahlukeneyo kwiphondo.

Isebe liza kubandakanyeka kwinkqubo yoVavanyo lweMpembelelo yoLawulo olubanzi (RIA) ngentsebenziswano neenkonzo zomthetho malunga nolwakhiwo lweWCCC ukunyusa ukusebenza kwayo nokuthotyelwa kwayo.

UKHUSELO NOKHUSELEKO

Ukuqinisekisa ukhuseleko lwabo bonke abathengi, ingakumbi ulutsha, abasebenzisa ezi zibonelelo kuya kuba yinto ephambili kwiWCCC kule minyaka mihlanu izayo. Ukwanda kwamanani olwaphulomthetho, kuquka ubundlobongela obujoliswe kwisini (GBV),

kunye nezisongelo ezivelayo ezivela kwiimafiya zokwakha nezothutho kwimimandla ethile zifuna ukuphuhlisa kwesicwangcisoqhinga esiqinileyo nesigqibeleleyo sokhuseleko. IKhomishoni iya kuthi qho ngonyaka yenze uvavanyo lokhuselo nokhuseleko olwenziwe liSebe lezaMapolisa noKhuseleko loLuntu oluya kunika ulwazi ngamanyathelo okhuseleko ekufuneka ephunyeziwe. Kuza kubakho ugxininiso oluphambili kwimpilo nokhuseleko kwezi zibonelelo ngethuba leminyaka emihlanu, ngenxa yokuguga kweziseko zophuhliso kunye nosongelo lweemeko zemozulu ezingalunganga. Ukusebenzisana namagosa okuthotyelwa komthetho, imibutho yasekuhlaleni, kunye nabanomdla kwezokhuseleko kuya kubaluleka ukuze kuncitshiswe le mingcipheko.

8.2 Okusingqongileyo kwangaphakathi

IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni yasekwa ngokoMthetho weKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni namaBhunga eNkcubeko, uMthetho 14 ka1998.

I-WCCC liqumrhu elimiselwe ngokomthetho kwaye icebisa iSebe ngokudlula kuMphathiswa wePhondo kwimiba ephathelele kuphuhliso, ukukhuthazwa nokulondolozwa koBugcisa neNkcubeko eNtshona Koloni.

Amalungu eWCCC onyulwa isithuba seminyaka emithathu. Amalungu alishumi elinesibini (12) aqeshwa ngomhla woku1 kweyoMdumba


ka2022. IKhomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni (WCCC) inekomiti ezintathu ezizezi, iqela lesalathiso solwaluko, amabhunga enkcubeko kunye neekomiti zamaziko enkcubeko. Ixesha lekhomishini ekhoyo ngoku liphela nge31 kweyoMqungu ka2025. IKhomishoni liGunyabantu elinoXanduva lwequmrhu kwaye linoxanduva lwemicimbi enxulumene nolawulo ngokwePFMA. Usihlalo uzalisekisa indima noxanduva lweGosa eliNika iNgxelo egameni lequmrhu.

Ulawulo lweWCCC luhlala ngaphakathi kwisebe kwaye lulawulwa ngunobhala njengoko amalungu engaqeshwanga ngokusisigxina. IKhomishoni kwixesha elizayo iya kugxila kwizindululo ezenziwe kwingxelo enokwenzeka. Oku kufuna ukucinga okutsha kunye neendlela zokwenza. Ukusebenza ngokusondeleyo nabachaphazelekayo kunye nobuhlakani obucwangcisiweyo kuya kuphononongwa ukuze kuphunyezwe izindululo ezenziweyo. Umbono kukuguqula izibonelelo ezichongiweyo ukuze zenze ingeniso eyongezelelekileyo kwaye ngaloo ndlela kuqinisekise uzinzo lobutyebi obufuneka kakhulu bokusetyenziswa koluntu.

Inkqubo yoVavanyo lweMpembelelo eMiselweyo iya kuqalisa ngesithuba seminyaka emi5 ukumisela ukuba ulwakhiwo olukhoyo ngoku lweWCCC lolona lusebenzayo kwaye lufuneka ngendlela ekulo.

Indawo engqongileyo yombutho

Imeko yombutho apho iWCCC isebenza khona ibonakalisiwe kuluhlu olungezantsi



9. ULWAZI LOKUSEBENZA KWEZIKO

9.1 Ukulinganisa iMpembelelo

Ingxelo yeMpembelelo	IKhomishoni ngemisebenzi yayo, izama ukudala uluntu olukhuselekileyo nolumanyeneyo ngokubeka ngokutsha ukusetyenziswa kwamaziko kunye nokubonelela ngenkxaso kumabhunga enkcubeko abhalisiweyo ukuze alondoloze izenzo zawo zenkcubeko.
-----------------------------	---

9.2 Ulinganiselo weziPhumo

Iziphumo	Izalathi zeziphumo	Izalathi zeZiphumo ze-APP	Isiseko	Iminyaka emihlanu ekujoliswe kuyo
Imisebenzi yenkcubeko eyahlukeneyo phakathi koluntu	Inani lamabhunga enkcubeko abhalisiweyo axhaswayo ngokuDluliselwa kweeNtlawulo kwimisebenzi ezama ukwakha uluntu nokuxhobisa ulutsha ngokwabelana ngolwazi nezenzo kuzo zonke iiyantlukwano zenkcubeko.	1.1 Inani lamaBhunga eNkcubeko abhalisiweyo axhaswa ngeeNtlawulo eziTshintshwayo	9	20
Izibonelelo zenkcubeko ezigcinwe kakuhle nezikhuselekileyo	Inani lamaziko aphuculweyo okanye agciniweyo ukuqinisekisa ukufaneleka nokhuseleko lwabasebenzisi kwimisebenzi eya kuzama ukuchaphazela ulwazi kwaye iya kuthi ibethelele umoya wokuthand' izwe kubemi.	1.2 Inani lezibonelelo eziphuculweyo okanye ezigciniweyo ukuqinisekisa ukufaneleka nokhuseleko lwabasebenzisi.	7	7
Ukusetyenziswa ngokukuko kwamaziko enkcubeko	Inani labasebenzisi abafikelela kumaziko enkcubeko.	1.3 **Inani labasebenzisi abafikelela kumaziko enkcubeko	251	290

**Isalathi esitsha*

9.3 Ingcaciso yokuSebenza okuCwangcisiweyo kwiXesha loCwangciso leMinyaka emihlanu

Iminyaka emihlanu ezayo iya kuphawulwa ngenkqubela phambili yethekhinoloji efana nobukrelekrele bokwenziwa; utshintsho lwemozulu oluya kuba nefuthe kwicandelo lezolimo kunye nendawo esihlala kuyo, ukunqongophala kokutya, indlala kunye nentswela-ngqesho.

I-WCCC ekusebenziseni igunya layo iya kugxila ekunciphiseni i-carbon footprint, iphinde ihlolise injongo yangoku, ukusetyenziswa, kunye nemithombo yengeniso kumaziko, kunye nokwenza ukuba bafikeleleke ngeendlela ezintsha zokuthengisa. Ukwandisa umda wokusetyenziswa koncedo kuya kuvelisa ingeniso eyongezelelekileyo, nto leyo enegalelo ekuphuculweni kozinzo lwemali lweWCCC. I-WCCC iya kuqinisekisa ufikelelo kuluntu oluhluphezulekileyo kwezi ndawo zinoxolo kwaye ngokwenza njalo igalelo kwimpilo-ntle yalo ngethemba elikhuthazayo kwaye ibavumele ukuba bacinge ngokutsha ngelizwe elingaphandle kweendawo zabo ezivalelweyo.

Ngaphaya koko, iWCCC iza kuqhubela phambili imisebenzi yenkcubeko eyahluka-hlukeneyo ngokuxhasa iinkqubo zamabhunga enkcubeko abhalisiweyo akhuthaza ukwabelana ngezizukulwana ngolwazi nemisebenzi ukubethelela ukuzingca nokwabelana ngomnombo wenkcubeko kunye nelifa lemveli.

Uluntu oluxabisa iNkcubeko, luneendawo zenkcubeko zokuzonwabisa, ukuxhasa amaqela asengozini, kunye nokuqonda kunye nokuhlonipha ukuhlukahluka kwenkcubeko, kuyathandeka ngakumbi ukudala uluntu olukhuselekileyo, olubambeneyo noluzinzileyo.

Izibonelelo zeNkcubeko zisixhobo esiphambili sokufaka igalelo kuluntu olumanyeneyo noluzinzileyo. I-WCCC kwixesha elizayo iya kugxila koku:

- Ukubeka ngokutsha amaziko enkcubeko ngamaphulo asungulweyo ajolise ekwandiseni ingeniso. Oku kuya kuxhaswa yindlela elawulwayo yothungelwano kwaye kufuna ukusebenzisana ngokusondeleyo namanye amasebe eWCG namaqumrhu, icandelo labucala, abasebenzisi nabasebenzi.
- I-WCCC iqinisekise ukuba amaziko ahlala eyindawo ekhuselekileyo yemisebenzi yoluntu nolutsha.
- Phuhlisa isicwangcisoqhingana sentengiso esibanzi ukuxhasa uzinzo lwamaziko nokwahlula ukusetyenziswa kwezi ndawo.
- Ukuququzelelwa kweengxoxo kunye nentsebenziswano phakathi kwamabhunga enkcubeko ahlukeneyo
- Ukwandisa ukusetyenziswa okwahlukeneyo ukudala amathuba emisebenzi.
- Ukwakha uthungelwano kunye nokudibanisa imisebenzi

I-WCCC kule minyaka mi5 izayo izakuzama ukuphucula ukusebenza kwayo ngokwandiswa kwamanyathelo anobuhlobo kokusingqongileyo, kwiziseko, ukuxhasa imisebenzi yeenkcubeko phakathi kwamabhunga enkcubeko kunye nokuguqula izibonelelo zibe ziindawo ezikhuthaza impilo nentlalontle.

10 Imingcipheko ephambili

Iziphumo	Imingcipheko engundoqo	Ukunciphisa umngcipheko
Ukusetyenziswa ngokukuko kwamaziko enkubeko	Ingeniso yerenti enganelanga yokuhlawula inkcitho kulondolozo lwamaziko. Impembelelo: ayikwazi ukugcina kunye nokwandisa amaziko.	- izindululo zophononongo lokwenzeka kwezinto ezigunyaziswe lisebe ziya kuqwalaselwa kwaye izicwangciso zokuphunyezwa kwazo ziya kuqwalaselwa ukuze kuqaliswe inkqubo yomiliselo – kuthathelwa ingqalelo imeko yemali nangokwegunya leWCCC. - UMgaqonkqubo wokuSetyenziswa kweZiko leNkcubeko uza kulungiswa kuthathelwa ingqalelo utshintsho ekusetyenzisweni oluqwalaselwayo kunye namaxabiso aza kulungelelaniswa. - Izibonelelo maziko ezivezwe kwiinjongo zokusetyenziswa kabini (umz., iMelkbos Oppiesee, iGroot Drakenstein, iOkkie Jooste). - Inkqubo yokubhukisha ngekhompyutha, ukubonelela ngedatha ukujonga nokuncedisa kulawulo nohlalutyo losetyenziso nohlengahlengiso lweerhafu. - Ugcino lweZibonelelo lucwangcisiwe, luqingqelwe, lwenziwe lwaze lwabekwa iliso yiKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni.

11 Amaqumrhu oluntu

Akukho nto

INKCAZELO YESALATHI SOBUGCISA (TID)

Isihloko sesalathisi	Inani lamabhunga enkubeko abhalisiweyo axhaswayo ngeNtlawulo eziTshintshwayo
Ingcaciso	Ukunikezela ngenkxaso yemali kumabhunga enkubeko abhalisiweyo
Umthombo wedatha	Uluhlu lwamaBhunga eNkcubeko akwingxelo kaexcel
Indlela yokubala/uvavanyo	Ubungakanani - ukubala
Iingqikelelo	Amabhunga enkubeko aya kusebenza kwaye inkxaso-mali iya kwanela.
Ukwahlulwa-hlulwa kwabaxhamli	n/a
INGuqu yeNdawo	Gcina izithethe zenkcubeko yoluntu
Ukusebenza okufunayo	Okujoliswe kuko
Uxanduva lwesalathisi	Umphathi woxanduva

Isihloko sesalathisi	Inani lezibonelelo eziphuculweyo okanye ezigciniweyo ukuqinisekisa ukufaneleka nokhuseleko lwabasebenzisi
Ingcaciso	. Ukugcina amaziko ukuya kwimigangatho eyamkelekileyo ukuhlangabezana neemfuno zabathengi kunye nokuqinisekisa ukhuseleko lwabasebenzisi.
Umthombo wedatha	Inani laMaziko eNkcubeko abhalwe kwingxelo kaexcel
Indlela yokubala/uvavanyo	Ubungakanani - ukubala
Iingqikelelo	Izixhobo eziza kusetyenziswa
Ukwahlulwa-hlulwa kwabaxhamli	Akukho
INGuqu yeNdawo	Ayikho
Ukusebenza okufunayo	Okujoliswe kuko
Uxanduva lwesalathisi	Umphathi woxanduva

Isihloko sesalathisi	Inani labasebenzisi abafikelela kumaziko enkcubeko
Ingcaciso	Ukusetyenziswa kwezibonelelo zenkcubeko kwimisebenzi eyahlukeneyo
Umthombo wedatha	Inkqubo yokubhukisha nge-elektroniki
Indlela yokubala/uvavanyo	Ubungakanani - ukubala
Iingqikelelo	Izibonelelo ziyakubhukishwa
Ukwahlulwa-hlulwa kwabaxhamli	n/a
INguqu yeNdawo	n/a
Ukusebenza okufunayo	Okujoliswe kuko
Uxanduva lwesalathisi	Umphathi woxanduva



Wes-Kaapse
Regering



Western Cape Cultural Commission
Wes-Kaapse Kultuurkommissie
IKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni

Kultuursake en Sport

Strategiese Plan

2025/26 – 2029/30

INHOUD

VERKLARING VAN DIE UITVOERENDE GESAG	58
VERKLARING VAN DIE REKENPLIGTIGE GESAG	59
AMPTELIKE AFTEKENING	60
AFKORTINGS EN AKRONIEME	61
DEEL A: ONS MANDAAT	62
1. Grondwetlike mandaat	62
2. Wetgewende en beleidsmandate	63
3. Institusionele beleide en strategieë oor die vyfjaarbeplanningsperiode	73
4. Tersaaklike hofbeslissings	73
DEEL B: ONS STRATEGIESE FOKUS	74
5. Visie	74
6. Missie	74
7. Waardes	74
8. Bygewerkte situasie-ontleding	74
8.1 Ontleding van eksterne omgewing	74
8.2 Ontleding van interne omgewing	76
DEEL C: ONS PRESTASIEMETING	78
9. Inligting oor institusionele program-prestasie	78
9.1 Meting van impak	78
9.2 Meting van uitkomst	78
9.3 Verduideliking van beplande prestasie oor die mediumtermyn	79
10. Sleutelrisiko's	80
11. Openbare entiteite	80
DEEL D: BESKRYWING VAN TEGNIESE AANWYSERS (BTA)	81

VERKLARING VAN DIE UITVOERENDE GESAG

Die Wes-Kaap is 'n provinsie met 'n ryk erfenis, dinamiese tradisies en uiteenlopende kulturele uitdrukking. Die Wes-Kaapse Kultuurkommissie (WKKK) is die bewaarder van hierdie kulturele rykdom, wat verseker dat ons kuns, tradisies en erfenis nie net oorleef nie, maar floreer en toekomstige geslagte inspireer. In 'n era waar kultuur 'n deurslaggewende rol speel in die vorming van identiteite, die bevordering van maatskaplike samehorigheid en die dryf van ekonomiese geleenthede, is die WKKK meer as 'n bewaarder van die verlede – dit is 'n katalisator vir transformasie en innovasie.

Die strategiese koers van die WKKK word gerig deur sy wetgewende mandaat ingevolge die Wet op die Wes-Kaapse Kultuurkommissie en Kultuurrade, 1998 (Wet 14 van 1998). Ons visie strek egter verder as blote nakoming. Ons is daartoe verbind om kulturele inklusiwiteit te bevorder, geleenthede vir kreatiewe uitdrukking uit te brei en vennootskappe te versterk wat kuns en kultuur tot sleuteldrywers van gemeenskapswelstand en ekonomiese veerkragtigheid verhef.

Hierdie Strategiese Plan is nie net 'n administratiewe dokument nie – dit is 'n resep vir aksie. Dit sit ambisieuse, meetbare doelwitte uiteen wat ontwerp is om 'n tasbare impak te hê in gemeenskappe regoor die provinsie. Ons poog om die Wes-Kaap as 'n toonaangewende sentrum vir kulturele uitnemendheid op die vasteland te posisioneer, wat sal verseker dat elke inwoner, ongeag hul agtergrond of ligging, toegang het tot ruimtes en platforms wat hulle in staat stel om hul erfenis te vier en te deel.

Ons verantwoordelikheid strek verder as die toekenning van hulpbronne; dit behels dat ons moet verseker dat elke inisiatief, belegging en program in die ontwikkelende behoeftes van ons gemeenskappe voorsien. Ons moet die stemme van ons kunstenaars verhef, die strukture versterk wat kulturele erfenis beskerm en die ekonomiese potensiaal van die kreatiewe sektor inspan om volhoubare groei te bevorder.

Verantwoordbaarheid en deursigtigheid bly steeds die kern van ons benadering. Ingevolge artikel 55(1)(d) van die Wet op Openbare Finansiële Bestuur, 1999 (Wet 1 van 1999) en artikel 28.2 van die Nasionale Tesourieregulasies sal die WKKK sy prestasie streng monitor om te verseker dat staatsfondse werklike waarde vir die mense van die Wes-Kaap sal bied. Die Staande Komitee van die Wes-Kaapse Provinsiale Parlement sal voortgaan om toesighouding te verskaf en die kommissie ten opsigte van sy verpligtinge en doelwitte verantwoordbaar te hou.

Met die oog op die toekoms besef ons dat kultuur nie staties is nie. Dit verander en daarmee saam ook ons benadering tot bewaring, ontwikkeling en innovasie. Die werk van die WKKK moet 'n hernieuide gevoel van trots en eenheid aanwakker, wat verskille oorbrug en mense deur gedeelde ervarings byeenbring. Ons doel is om 'n samelewing te bevorder waar kultuur nie net gevier word nie, maar as 'n steunpilaar vir vooruitgang erken word.

Ek wil die Wes-Kaapse Kultuurkommissie loof vir sy volgehoue toewyding tot die opheffing van die kuns- en kultuursektor. Die pad vorentoe vereis dapper leierskap, kreatiewe denke en 'n onwrikbare verbintenis tot inklusiwiteit. Saam sal ons 'n kulturele landskap bou wat nie net ons geskiedenis weerspieël nie, maar ook die grondslag vir ons toekoms is. Ek nooi alle kunstenaars, kultuurpraktisyns en landsburgers uit om deel te wees van hierdie beweging op ons dapper reis die toekoms in.



Ricardo Mackenzie
Uitvoerende Gesag van die Wes-Kaapse
Kultuurkommissie

VERKLARING VAN DIE REKENPLIGTIGE GESAG

